



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

IBANGA 10

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

IPHEPHA 1

UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKOMXHOLO

AMANQAKU: 75

IXESHA: 2 IYURE

120 1 F

IMIYALELO KUBAFUNDI:

- Qaphela ukuba eli phepha linamacandelo amaThathu u-A, B, noC: A ungovavanyo lokuqonda; B sisishwankathelo; C ukusetyenziswa kolwimi entethweni.
- Phendula onke amacandelo.
- Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha, uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
- Phendula yonke imibuzo.
- Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
- Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
- Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

ICANDELO A – UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

Funda umhlomlo ongezantsi wandule uphendule imibuzo elandelayo.



Izinto zonke ndizibonile, ezintle nezimbi. Intlungu ndiyivile njengonozala. Koda kube nini na intlungu ziwungcungcuthekisa umphefumlo, zivuthulula zivithiza inyama? Yini na Sombawo. Zazenzela intlungu kwelo cekecekana lomzimba, azaba natarhu navelwano? Yavakala le nkwenkwana ngelizwana yanga isezantsi emathunjini omhlaba, yamemeza, yantywizisa, yalila icela uncedo. “Ndiyamkhumbula umama akwaba ebelapha”, litshilo elo lizwana kalusizi. Wagula umntwana, azanywa amatiletile kwangathi sibakho isiqabu. Akubanga kudala walandula umzimba, mhlawumbi amachiza emzimbeni ayesengaphezu komlinganiselo. Waphela umntwana ngokomzimba kujongiwe, yamana ichiphiza iinyembezi yasik’inimba kokelezo, yaye ingekho indlela yokumothula umthwalo nokumphumza kwezo ntlungu.

Yasik’inimba kunozala ibala alathetha nto kuba isijwili samchukumisa. Eli tyendyana liyivile impatho mbi, lagculelwa, langa linesifo sombho. Lathiywa kuba ulwazi lunqongophele eluntwini, amalungelo alo ajongelwa phantsi. Wehl'esenyuswa engamkelwa ezikolweni de kwangenelela nomthetho. Walonwabela elo thutyana lazivezayo kuye lokuba ngumfundi wazakhela abahlobo, waba ngumntwana njengabanye, waneminqweno awayefuna ukuyizalisekisa uMdali evuma. Ulufundisile uluntu mfo kaNkosi, Johnson. Ezincwadini zembali kobaliswa ngawe, kuthethwe ngawe njengegqala leqhawe elajongana nokufa emehlweni, lalwa edabini de loyisa lingazixhomanga iintonga zalo.

- 1.1 Yintoni ingxaki yeli tyendyana? (1)
- 1.2 Abanye abantu baye bangamamkeli ncam umntu onesifo sikaGawulayo. Ingaba ngokokwakho kwamkelekile oku kule mihla sikuyo? Yiba sowunika nesizathu sokuba utsho. (2)
- 1.3 “Abo banoGawulayo nentsholongwane yakhe banelungelo lokufunda kwizikolo zikawonke-wonke, bangacalucalulwa. Ingaba olu luluvo na okanye yinyani? Zixhase kwimpendulo oyinikileyo. (2)
- 1.4 Xa ufunda umhlathi wokuqala ungathi umbhali ukhangeleka ekuyiphi imo ngokwasemphefumleni? Chonga amagama amabini onokuzixhasa ngawo abonisa le mo. (2)
- 1.5 Wena eli bali likwenza uzive njani? Ngoba kutheni? (1)
- 1.6 Chaza okuthethwa ngala mabinzana njengoko esetyenzisiwe kulo mhlomlo:
 - 1.6.1 Ukuba lidelakufa (1)
 - 1.6.2 Icekecekana (1)

[10]

ISICATSHULWA B

KHUSELA UMNTWANA WAKHO KWIZIYOBISI

Eminyaka nje eli-10 wabe sele elikhoboka leziyobisi uSipho one-18 ngoku. Sisaphuli mthetho esihlutha iimoto, siphange kuxhotyiwe, sidlwengule. Unkolonkoloza esiseleni uSipho, ekwaphazamiseke nasengqondweni ngenxa yeziyobisi. Yinkulelwane yeelali zaseMpumalanga. Unina wamshiya kuninakhulu wayokufuna umsebenzi eGoli kuba uyise wayengafuni ukumondla. Uninakhulu kuba engelogqiyazana lakube likhathalelana nomntwana odlamkileyo, wayeziphangelela. Yaba sisiqalo sobundlobongela bukaSipho esi.

Uthe xa eminyaka ili-16 uSipho waba sele elikhoboka leMandrax nentsangu, waza waqalisa nokubela uninakhulu ngeenjongo zokuba nemali yokuthenga iziyobisi. Ungenwe nangumkhuba wokuba ezivenkileni, ekhuthuza, ehlasela abantu athathe izinto zabo. USipho bekungenzeka oyike ukwenza olu lwaphulo-mthetho, kodwa ngenxa yeziyobisi waba nesibindi sokwenza nantoni na. Kungekudala waba ngomnye wabakhuthuza kuxhotyiwe.

Xa wayelulekwa uSipho wavuma ukuba iziyobisi zamtshintsha kakhulu, wenza izinto ebengekhe azenze xa engasebenzisi ziyobisi. Inkoliso yabazali inenkolo yokuba amakhoboka eziyobisi afunyanwa kubantwana abasezitratweni okanye abantwana abasuka kumakhaya “anengxaki”. Akunjalo. Xa unokuthetha neengcali ezilwa neziyobisi ziza kukuxelela ukuba akukhathaliseki nokuba abantwana basuka phi na, basoloko besecicini leziyobisi.

Zihambisa zithi ezi ngcali, abantwana abangamaxhoba eziyobisi baye besiba ngabona bancinci, kukho phakathi kwabo nabaneminyaka esi-8. Okuxhalisa ezi ngcali kukuba inkoliso yabazali ayiqondi ukuba abantwana babo babandakanyeke kangakanani kwiziyobisi.

Bafuna ntoni kwiziyobisi

Ingcinezelo yoontanga sisizathu sokuba abantwana bathande ukungcamla iziyobisi. “Ukufuna yinxalenye ‘yombo nomxesibe,’ yaye oku kutsho lukhulu ebantwaneni. Xa benamaqela aselayo, okanye asebenzisa iziyobisi baziva noko ‘bengezoziyatha’, utshilo uThuli Mtshali. Kubazali singathi akakho umntwana olinga iziyobisi kuba efuna ukuba likhoboka lazo.

IMIBUZO

- 1.1 Kulo mhlomlo ugqiba kuwufunda chonga isivakalisi esingqina ukuba:
 - 1.1.1 Iziyobisi zenza ukuba uSipho angoyiki ukwaphula umthetho. (1)
 - 1.1.2 Kukho impazamo yokucinga ukuba amakhaya angathathi ntweni aveza abantwana abaphila ziziyobisi. (1)

- 1.2 Ngokwalo mhlomlo zithini izizathu ezinikwa ngumbhali ezenza abantwana babe ngamakhoboka eziyobisi. Nika zibe zi-2. (2)
- 1.3 Khawunike intsingiselo yala magama alandelayo njengoko esetyenziswe apha kwisicatshulwa: ukunkolonkoloza; igqiyazana; ukungcamla. (3)
- 1.4 Chaza ukuba yinyani okanye asiyonyani, ukuze ke uzixhase ngokucaphula apha kwisicatshulwa esi: 'USipho watshintshwa isimilo ziziyobisi.' (2)
- 1.5 Ingaba olu luluvo okanye yinyani, yiba sele uxhasa impendulo yakho: 'Ngabantwana abaphuma kumakhaya ahlelelekileyo abasebenzisa iziyobisi.' (1)
- [10]**

ISICATSHULWA C

Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi:

- 1.1 Usebenza kumzi-mveliso wakwaKia uthengisa imveliso yabo. Senze singacingi ngezinye iimoto sithenge kuwe kuphela. Bhala ngezivakalisi EZIBINI.izinto ezibalulekileyo ekufuneka sizazi ngale moto. (2)
- 1.2 Ingaba yinyani okanye asiyonyani na le iqulethwe kwezi zivakalisi zingezantsi. Bhala: Yinyani okanye asiyonyani kuphela, ube sele usinika isizathu sempendulo yakho. 'Kuphela kweemoto ezibalekayo iimoto zakwa-Kia.' (2)

IXABISO LEEMOTO LIHLILE ! NGOMGQIBELO KUPHELA !!!



1.3 Into eqhelekileyo eyenziwa ngabathengisi kwizibhengezo kukuthi xa kuthengiswa umnyobo wemoto babeke abantu abaziwayo ecaleni kwaloo mnyobo, kungenjalo babeke umntu oyindoda ngokwesini. Xa bekubekwe umntu ongutata ecaleni kwale imoto, ubuya kuthi umbhali ubonakalisa:

- ingcinga enye ngento ethile
- ucalucalulo
- ukusingelwa phantsi kwamalungelo oluntu.

Bhala phantsi eyona mpendulo ichanekileyo kwezi, ukuze ke unike isizathu ngempendulo oyichongileyo kwezi zintathu. (2)

1.4 Ngentla kwale moto kukho amagama aqhele ukusetyenziswa ngababhengezi. Kula magama ungathi ingqondo yomthengi ijijwa ngawaphi amagama kanye kanye kulawa angentla. Zixhase kwimpendulo oyinikileyo. (2)

1.5 'Abafana abaselula bayazithanda iimoto ezibaleka ngesantya esiphezulu.' Ingaba luluvo olo okanye yinyani. Zathuza. (2)

[30]

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda lo mhlomlo ungezantsi, wandule ukuchonga, ubhale kumhlathi omnye ezona ngongoma ziphambili, xa ushwankathela. Qaphela, amagama owasebenzisileyo angegqithi kuma-70.

Wayengumzali enamaphupha njengamzali wonke ngabantwana bakhe. Wayethanda ukuba bondliwe bondleke, bafunde de bayityekeze, kungakhathaliseki nokokuba yena eyakhe impilo yayihlelekile, idlakazekile, idlakazwa ngoyena mntu ekwakufanele amkhusele, abe yena engasebenzi. Mnye umntu owayenokumnceda aphumelelise le minqweno kuba ililungelo lakhe ukwenza oko, yayinguyise wabantwana bakhe, indoda awayeyikhethe ngokuyithemba nokuyithanda, indoda awayezimisele ukwahlulwa kukufa

nayo. Ngelishwa ke ngamanye amaxesha izinto aziye zihambe ngokwezicwangciso zethu. Yamphatha ngolunya indoda yakhe yamlimaza ngokwasengqondweni, akakwazi ukuthabatha izigqibo ngobom bakhe. Wacinga ayabikho ingqiqo kwakwenzayo, kuba ubambo lwamabambo akhe lwalumtshutshisa. Ngenxa yale mpatho mbi walimala

ngokomzimba, wanemibhalo yemivumba, iziva zemela, nokutshiswa ngesigarethe de walimala nangokwemvakalelo. Waba liphakuphaku, esothuswa nasisithunzi sakhe, woyika ukuhamba nokuhlala yedwa. Zonke ezi ziganeko wayesoloko ezibika kwabasemagunyeni avelwe, axolise, athembise ukuziyeka iindlela zokungalungi axolelwe .Umnqa kuyo yonke le nto yayisoloko ingumfazi obekwa ityala lokuyiqhwaya indoda.

Zaya ngokuba mandundu izinto, wazibona engeyonto eluntwini, amehlo akhe angcwenga iinyembezi waphelwa lithemba, watyhafa wanga ufelwe sisazela. Bube muncu nangakumbi ngoku ubudlelwane phakathi kwesi sibini, kucace gca ukuba amalungelo omfazi ajongelwe phantsi. Waba sisigculelo waphehluzeliswa wanga sisicaka . Yaqhawul'intomb'enkulu yabuyela kunina noyise, kuba kakade yayingophulanga zikomityi mhla yaya ekwendeni. Njengoko umthetho wawumgwebile ungazange umkhusele, ithemba lakhe lokugqibela yayingunina noyise.

Akubanga ntsuku zatywala ekokwabo, sangena eso sixhiphothi singenalusini singabakhathelanga nabazali bakhe, safunza kuye esiqwini. Enziwa amatile-tile ngunozala emcelela inceba umntwana wakhe, kodwa loo mazwi akhe ayenkenteza kwiindlebe zesithulu. Uzamile ukubaleka ngeliyokuzifihla egumbini lakhe lokulala, kodwa akwanceda nto. Sivakele isithonga sompu, lavakala nelizwana elicel'uxolo. Emva koko kubekho inzolo. Waphuma enyantsula umbulali ebhonte bhonte ligazi. Wasweleka uNomhle, wabashiya abazali nabantwana bakhe engashiyanga nomyolelo.

[10]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI ENTETHWENI

UMBUZO 3

- 3.1 Lo msasazi ufunda ezi ndaba zesiXhosa usuke wafaka amagama amaninzi emboleko nalapho sinawo khona awesiXhosa. Mbonise ke wena ukuba ungumthandi wesiXhosa ngokubhala igama lesiXhosa endaweni yelo alisebenzisileyo eliboniswe ngokukrwelwa umgca ngaphantsi. Bhala kuphela elo gama ulilungisayo nolilungisileyo.

Eli liziko losasazo leRadiyo Khawuleza, nazi iindaba zentsimbi yesixhenxe zifundwa nguSalakutyelwa Sibona.

Kutsha nje kuphume iindaba kwithelevizhini nakwiirediyo ukuba abazali ukuba basoloko bebaqaphela abantwana babo ukuze babasindise kwi-yobisi ezizele kulo lonke eli. Nazi izinto amabaziqaphele:

- * Amehlo abomvu, inkangeleko yokumbatsha.
- * Ukungazikhathaleli nokungabi namdla kumsebenzi wesikolo nemidlalo.
- * Ukufuna imali, ukuba, ukungathethi nyani nezinye izinto.

Abazali bacetyiswa ukuba babazi ukuba baphi abantwana babo kuba basenokuya kuzenzakalisa kwiipali ezisendleleni, kungenjalo baziphose kwimizila yeetreyini.

Ezinye iinkcukacha ziya kusasazwa kwiindaba zecala emva kwentsimbi yeshumi ngokuhlwa. Zenibaze iindlebe mawethu. Mathongo amnandi.

(4)

- 3.2 Yiba nomfanekiso wakho ungumzali. Ummelwane wakho uhlutshwa ngumntwana ozimisele kwiziyobisi. Ufumene icebo kwimagazini obuyifunda ntonje kukho iimpazamo ezininzi. Lungisa ke amagama akwizibiyeli ukuze umnike ummelwane sele ibhaleke kakuhle:

BANCEDE BAXHATHISE KWIZIYOBISI

- 3.2.1 **Bagcine** abantwana (xakekile) ! Bancede bathande ezemidlalo. Ukukruquka akunakuba yinxalenye yobomi babo. Sebenzisa idolo qha wean ucele uSombawo akuncede.
- 3.2.2 **(Ukuzihlola)** wena – ukuphatha umdiza ngeli lixa ubaxelela ngeengozi zokuba likhoboka akukuhle!
- 3.2.3 **(Ukuqonda)** ukuba isikolo abafunda kuso sinazo iinkqubo zokuzikhusela, xa zingekho bachazele ngazo.

(3)

Hamba ngokwale miyalelo ilandelayo xa usakha izivakalisi:

3.2.4 Sebenzisa ke ngoku iqhalo elifanelekileyo lokuyala umntwana ongafuni kumamela umzali. (1)

3.2.5 Sebenzisa isihlanganisi esifanelekileyo ukwakha isivakalisi esimbaxa:

'Bagcine kakuhle abantwana. Abantwana bahamba ngononophelo endleleni. (1)

3.2.6 Sebenzisa ke ngoku eli gama 'idolo' ngendlela eya kwenza ukuba sibone ukuba linganika iintsingiselo eziMBINI. (1)
[10]

UMBUZO 4

4.1 Jongisisa olu qweqwe lwale magazini uze uphendule imibuzo elandelayo.



4.1.1 Chonga udidi olunye lwabantu onokuthi wakujonga uqweqwe lwale magazini lunganomdla wokufunda okuphakathi. Yiba sele uxela nesihloko esivela kolu qweqwe esinokulutsala olo didi (1)

4.1.2 Xa uqwalasela olu qweqwe ifonti esetyenzisiweyo ayilingani. Kwenzelwa ntoni oku ? Jonga umzekelo wefonti ekumba othi:

IINGXWELERHA ZELI

Zincedwe ngabalinganiswa baseHollywood. (1)

4.1.3 Yiba nomfanekiso wakho ungumhleli wemagazini i-BONA. Xa bekunokuthiwa khetha imibala emayisetyenziswe kolu qweqwe yiyiphi emibini ethe ngco kuwe entliziyweni obunokuthi mayisetyenziswe ingakumbi xa ujonge okuqulethwe kolu qweqwe? (2)

4.1.4 Khetha nje umbala ube MNYE kuleyo uyibalule kumbuzo 4.1.3 utsho ukuba unika yiphi intsingiselo le nto ibangele ukuba uwukhethe. (1)

4.2 Nibone ukhuphiswano oluphume kwimagazini iBona olumalunga nezinto ulutsha omaluzibhale ziphume kule magazini. Nicinge ngale resiphi ilandelayo, kodwa ngelishwa inezinto ezisafuna ukulungiswa phambi kokuba niyithumele.

Landela ke imibuzo engezantsi kwale resiphi ekuyiqulunjeni kakuhle:

ESINCAMISE NGENCASA ISITYU!!!



Izithako

1 icephe (-oyile).

2 amagaqa amancinci

egalikhi (-siliweyo).

1 ipelepele eluhlaza

Galela intwana ye-oyile embizeni oza kupheka ngayo. Galela itswele elinqunqiweyo uqhotse. Yithi chatha nentwana yeviniga. Faka inyama yakho nezinye izithako upheke ixesha elingangeyure. Asimnandi ungavimba umakhulu esifa ngamehlo. Mhla ke siphekiwe esi sidlo amaxhego namaxhegwazana ancoma angayeki ngeli lixa abantwana uya kufika becelana kuba abanye bayaphanga.

Ngabantu ababhinqileyo bodwa abanokupheka isityu esilolu hlobo!

IMIBUZO 5

5.1 Ngentla kwale tekisi kukho amagama athi 'ESINCAMISE NGENCASA ISITYU.'

Ingaba ulwimi olusetyenziswe ngumbhali lubonisa:

- intsingiselo enye ngento ethile.
- ukujija ingqondo.
- ukucinezela kwamalungelo abantu. (1)

5.2 Ekugqibeleni kwale resiphi kukho intetho ethi: 'Ngabantu ababhinqileyo bodwa abanokupheka esilolu hlobo isidlo. Ingaba le ntetho iveza:

- Ukujijwa kwengqondo.
- Ukucenga ngeenjongo zokuba ubani avume.
- Ingcinga enye nebetheleleke engqondweni ngento ethile. (1)

5.3 Phantsi kwesihloko esithi: 'Izithako', lungisa amagama akwizibiyeli. (2)

5.4 Isakhi esibhalwe ngqindilili kwigama 'intwana' sibonisa ntoni? (1)

[10]

UMBUZO 6

6.1 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi:

SITHINI NGAMALUNGELO OOMAMA!!!

6.1.1 Xa ujongile ingaba esi sihloko singezantsi kwalo mfanekiso siyahambelana na nawo? Zixhase ukuba sihambelana/ asihambelani njani na nomfanekiso. Ukuba uthe asihambelani silungise sihambelane. (3)

6.1.2 Yakha ke ngoku isivakalisi esibonisa into enokuba lo mama wayeyithetha ngeli lixa enza esi senzo. Eso sivakalisi sakho masibe kwintetho ngqo. (1)

6.1.3 Phinda ke usebenzise amazwi obunokuwathetha xa ubona esi senzo, mazwi lawo amakabonise uvakalelo. Krwela umgca ngaphantsi kwelona gama (magama) libonisa olu vakalelo. (1)

6.2 Landela le miyalelo ilandelayo xa usakha izivakalisi:

6.2.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo eyalelayo: 'Uza kubakhathalela abantu abanoGawulayo.' (1)

6.2.2 Lungisa kakuhle ulandelelwano lwamagama akwesi sivakalisi, ukuze sivakale: Sifikile isithethi esikolweni lehla labafundi inani labafundi abasebenzisa iziyobisi. (2)

6.2.3 Sebenzisa igama **intloko** kwizivakalisi ezibini ezahlukeneyo ukuze kucace ukuba linganika iintsingiselo ezininzi. (2)

[10]

UMBUZO 7

Unomdla kumhlathi ophume kwenye yeemagazini eziphambili zesiXhosa. Ngxakana ekhoyo yindlela obhalwe ngayo lo mhlathi. Wubhale ngokutsha ulungiselele ukuwuthumela kuloo magazini, kuba ufuna ukukhalaza ngendlela esibhalwe ngayo isiXhosa osithandayo.

NDIFUNA IQABANE

Ndiyintwazana esukileyo egadeni efuna iqabane elinezi mpawu lilandelayo:

Umfana makabe ngumdaka omnyama ongeva sepha. Lithanda umfo onoburharha kuba ndiyakuthanda ukonwaba. Zona izilenze yakhe mazibukeke xa enxibe ibhulukhwe emfutshane. Andinangxaki nokuba intloko yakhe inkhulu, kuba eyam yona incinci.

Lo mfana ke uza kusebenza nam kwiziko elisandul'ukuvulwa, elincedana nabantu abanesifo uGawulayo kwanabo banengxaki yeziyobisi, kungoko sifuna abe noburharha.

[5]**AMANQAKU EWONKE:****75**